ELIPEPA LIPUMA
NGOLWESI-TATU
*IVEKI ZONKE.*

Lijonge Ilungelo Lomzi kupela.
Limele imfanelo ya Bantsundu ngapandle koloyiko.
Alicaluli Sizwe nalu Nqulo.

# Imvo Zabantsundu.

(NATIVE OPINION.)
*Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories,*

Lirolelwa 3/6 nge Kwata (itunyelwe ingekapeli)
4a ipele i Kwata ingarolwanga.
Unokuhlaulelwa wonke
Unyaka ekuveleni
kwawo nge 13s 6d.
--------o
Izaziso Zabazelweyo, Abatshatilayo, Nemibiko, irolelwa 2s 6d. zingene kanye ; 3s 9d kabini; 5s katatu.

IXABISO3d.] KING WILLIAMS TOWN, CAPE COLONY, NGOLWESI-TATU, JANUARY 24,1894 [Vol. IX, No. 482


## DYER AND DYER

(LIMITED.)
KING WILLIAMSTOWN.

## Impahla Entsha Yasehlotyeni.

Isuti Ezintsha zeTwidi ziqala kwi 16/6.
Isuti Ezintsha ze Diagonal Tweed Emnyama ziqala 25/.
Isuti Ezintsha ze Blue Serge ziqala kwi 25/.
Iminqwazi Emitsha, Ihempe, Izitadi, Izihlangu, Amaqhina, njalo-njalo.
Ibhulukwe Zamadoda Zekodi ziqala kwi 4 6.
Ihempe Zamadoda Zokusebenza ziqala kwi 1/ inye.
I Flanellette Zamadoda ziqala kwi 1/3 inye.
Ngokubalulekileyo-Ibhulukwe Ezilungileyo Zamadoda ze Whipcord 6/6.
Ibhatyi Ezilungileyo Zamadoda ze Whipcord 10/6.

## Impahla ye Kriketi ne Tennis,

ISANDULUKUFIKA :

IBHATI ne BALLS, IZITAMPU, I-LEG GUARDS, I-GLOVES—zokudlala nezokunqanda emva kwe Wikiti—I RACQUETS ze TENNIS, IBHOLA, i NETI, njalo-njalo, yonke into efunekayo.

AMAXABISO AHLISIWEYO KWI CLUBS.

Eyona igqitiseleyo neyona itshipu kuzo zonke ngempalila eyenziwe Ngabasiki, no Mpahla Zabafundisi, njalo-njalo.

## DYER NO DYER,

E QONCE.

## ITUBA LOKWENZA IMALI.

Zisani bonke UBOYA benu
Zisani bonke UBOYA BEBHOKWE
Zisani wonke UMBONA wenu
Zisani onke AMAZIMBA enu
Zisani yonke INGQOLOWA yenu
Zisani yonke IHABILE yenu.

Nayo yonke enye imveliso eninayo naniya kufumana amanani Apakamileyo e Cash ngayo—YIZANI KUBEKANYE, naniya kuhlala nisiza ko

## JAMES HODGES and CO.

QUEENSTOWN

Iyeza Elingummangaliso.

## BEECHAM'S PILLS

Zikulungele Ukuqunjelwa nezinye intlungu, ezinje ngo Moya ne Ntlungu e Siswini, Intloko Ebulalayo, Ukuba nasi Yesi, Intluta nokuqunjelwa emva Kokutya, Ukupitizela kwe Ntloko, Nobundongela, Ukuqaqazela Yingqele, Imfudumalo Zobushushu, Umnqumi, Ukupefumla Okuqupayo (Ipika), Ukungayi Ngasese, Ukujaduka Komzimba, Ukungalali Kamnandi, Amapupa Awoyikekayo, nako konke Ukungcangcazela, njalo njalo. IDOSI YO- KUQALA INOKUNCEDA KWISITUBA SEMIZUZU ENGAMASHUMI MABINI. Asintsomi lonto. Utulwelwe ngamnye ucalwa ukuba utate ibhokisana yezi Pills, ziya kuvunywa ukuba ibhokisana yazo "ifanele i Ponti enesheleni."

1 PILLS zika BITSHIM, zitatwe ngemigaqo emiselweyo, zibehle ziwapilise ngqe amankazana, Azedendi ukupilisa inqu nizimba.
2
**Kwi Sisu esi Butataka; Nokungatandi Kutya; Nesibindi Esingapilileyo:**
zisebenza ngobugqi idosi ezimbalwa zetiza impiliso engummangaliso kwanamalungu Ayinqobo Emntwini; Zomeleza imisipa ; zibuyisa intlahla yomntu obesekudala yatusabayo ; zenza ukuba ubani abuye akutande bukali ukutya, zivuselela BONKE UBUHLE BE MPILO NENKUTALO YOMZIMBA womntu, ezi Pilisi zidume ngokukodwa ekupiliseui Icesina kmnazwe ashushu. Ezi " zinyaniso " ezivunywa yinyambalala yabantu, kuzo zonke indidi zabantu, obunye ubungqina obupeleleyo ngobutataka bobu bokuba i *Pilisi zika Bilshlm lelona yeza litengwayo ngapezu kwawo onke akoyo apa emhlabeni,* Incazo ezeleyo ebhokisaneni nganye.

**Lenziwa ngu THOMAS BEECHAM kupela, e St. Helens, Lancashire, England.**
*Litengiswa ngabapitikevi bamayeza bonke ezi Kolonini.*

## PEACOCK BROS. NO WEIR,

## E KOMANI.

NGABATENGI abakulu Bokutya, benika awona Manani alungileyo. E Komani apa wakuke uyekuva into abayi kupayo pambi kobuba utengise nokuba kupina.

Ihabile, Ezinkozo, Inqholowa, Irasi, Imbotyi, I-ertyis, Umbona, Amazimba. bahlele benawo.



KWABAKUFUPI NABAKUDE
(Ngoku kodwa AMA TRANSPORT)

## IMIXESHO Y ENYMA

NE ZONKA,

N1N0KUYIFUMANA KO

## Smith & Gregg

UMELENE NAMAGQUBA AFAKATI
CAMBRIDGE ROAD,
KING WILLIAMS TOWN.

## Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukangelise lamayeza abalulekileyo.

Elika
COOK Iyeza Lesisu Nokuxaxaza.
1/6 ibotile.

C100K Iyeza Lukokohlela (Lingamafuta).
1/6 ibotile.

Aka
COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe.
9d. ibotile

Eliki
COOK Iyeza Lepaka.
1/6 ibotile.

Ezika
COOK Ipils.
1/ ngebokisana.

Eka
COOK Incindi Yezinyo. 6d. ngebotile.

Oka
COOK Umciza Westepu Sabantwana.
6d. ngebotile.

Oka
COOK Umgutyana Wamehlo.
6d. ngesiqunyana

Oka
COOK Umciza we Cesine. 8/6.

Niqondise ukuba igama ngu

## G. E. COOK, Chemist,

E QONCE.
*Ngawenkohliso angenalo igamalake*

Owatengisayo e Mount Erere, kwa Baca,

J. J. YATES, " Umatendela "

-U-

## P. S. JEFFREY,

UNGA angababulela abatenga Evenkileni zake ngobubele bokumxhasa kwixesha eligqitileyo. Unqwenela ukwazisa

*Umzi osa Kamastone nase Hewu*

Ukuba ivenkile zake ezise

Kamastone, Didimana nase Donnybrook,
Zizele ngoku Yimpahla

**YALO MCHEBO.**

UYITENGISA NGAGQITISELEYO NGOBUPANTSI WONA AMANANI E ENGE NGEMALI UMNTU.

—o—

Eziketiweyo zona Ibhulukwe Zamadoda—ezivulekileyo ezantsi.
Izihlangu zamadoda ezizitende zide
Izitofu—intlobo ezintsha.
Ityali Ezibuhlungu Zoboya-zamankazana.
Intlobo ze Printi.

—o—


Yonke into etengiswa ngabantu itengwa ngemali, i gamaxabiso anokufunyanwa napi,

—o—

U boy a Begusha nebokwe bufuneka mu.

—o—

ZONKE IZIKWELITI ZALOMCEBO KUFUNEKA ZIHLAULWE PAMBI KOKUPELA KWAI.O NYAKA, okanye liya kunikelwa kubaquki.



KWAZISWA

## UMZI OMELE I CALA

UKUBA Ivenkile ebihanjiswa ngu MR. JOHN WILSON, isezandleni ngoku zo

## WM. SAVAGE A SONS

Abazimisele ukuwuquba umsebenzi NGOHLOBO OLUPEZULU; kunjalo-nje IZAKWANDISWA KWINTO E-BIYIYO.

ISEBE *LAMAQABA

LAHLUKILE KANYE KWELABE

*SIKOLO.*

*tyali, I Printi, Ingubo zokuvata Yinto eninzi.*

I-BLANKETE, * AMAFELANE, AMABHAI NEZIBHALALA.

-Sinegama elidumileyo kuyo yonke i Transkei nge Blankete zetu kwane Zibhalala.

IMPAHLA YOKUTSHATA:

Elisebe lipantsi kokulaula kuka Mr. BATTERSHILL wetu onamava amakulu ngeyona nto kanye ifunekayo kwabalungiseleli Imitshato. Ngoko imicimbi epatiswe yena iyakwanelisa kanye.

INGUBO ZAMADODA:

Intlobo zonke zezitofu, ne Twidi, Ibhatyi, Ibhulukwe—ngazwinye into yonke angayifunayo umntu.

W. SAVAGE & SONS,

## GEO. HATCH.

; Enyutawuni, Cambridge Read.

TENGANI NGEMALI

KWI

VENKILE YOMZI,

Naniya kuyilondoloza imali Yenu.

Ikofu erwada yase Rio 1/ ngeponti.
Kanilinge i Tei eyazekayo ekutiwa
yi Souchong (Shushwana) 1 9
qa ngeponti

Ubuscagalala bonke bento ezinje nge Swekile, Kufa, Jam no Tiya, njalo njalo, ziko

KWI VENKILE YOMZI
Ka
GEO HATCH,

*E QONCE.*

## N. MEYER,

Inchibi Yentsunbi Zamaxesha, Imisesane, cama Jikazi,

CAMBRIDGE ROAD, Kingwilliamstown.

Wonke umsebenzi endiwupatisiweyo wenziwa msinyane ungowenene.

 LEMINYAKA I 18 

IGQITILEYO,

SINGENISE KWELI LIZWE

## IBLANKETE ZOBOYA

*EZI LUKWE NGOBUGCISA OBU BODWA, Iyama lazo yi EXTRA NAVY or MATTROSS."*

Kungeniswe ngabanye intlobontlobo ezifana noluhlobo; esigqibe ke kwelokuba SIZIPAULE i BLANKETE ZONKE ngopawu esiluqinisele na Komkulu ngohlobo lwemifanekiso le yongamele lenteto.

Ukuba ufuna IBLANKETE YEYENENE, kangelisa kunene ukuba inawona umfanekiso we NGONYAMA kwelinye LAMASONDO ayo.

ZONKE EZI BLANKETE ZIZEZINGATANDATYUZWAYO.
ZONKE EZI BLANKETE ZILUNGILE ZITE GUNGQU IBLANKETE NGANYE IYAYIVELA IMBOLA.

Kwivenkile enitenga kuzo-ke bizani Iblankete ezinomfanekiso we Ngonyama.

Ziya kubaku kuzo zonke ivenkile za Pesheya kwe Nciba nase zidolopini zonke.

## PEACOCK BROS, and WEIR,

E QONCE.

Ngabo bodwa abanokubhala lomfanokiso we Ngonyama.

## Beauchamp, Booth & Co.

EYONAVENKILE INKULU

NETENGELAYO

KINGWILLIAMSTOWN & QUEENSTOWN.

ITYALI

IPRINTI

ISETIKI

IKELEKO ISHITI ZEKOYI

Impahla Yomtshato Yonke

**BEAUCHAMP, BOOTH&CO.**

E-QONCE, KINGWILLIAMSTOWN

## J. W GARRET & CO.

LADY FRERE

IZIT0RA " EZITSHIPU."

Ingubo Zamaledi, Iswokile Nekofu, nento zalowomkondo Izihlangu Ingubo Zamadoda, Isali nempahla yalowomkondo, Ubugoxo bento ezifunwa nangumzi Obomvu.

*Kunikwa amaxabiso angapezulu ngo BOYA. IZIKUMBA, UKUTYA, MPAHLA EHAMBAYO.*

# PASCOE, (U FOLOKOCO)

UKE wayibonana IMPAHLA YAKE YOMTSHATO?

Ibhulukwe (ezisikiweyo), Ibhatyi (eziyi Salvation zona), Ibhatyi (ezimfutshane) Nendulubhatyi.

Ingubo Zabafundisi, Isuti zenziwa njengomyalelo Imisesane Yomtshato neye Ngeji (intlobo ngentlobo) Ibhutsi ne Shuzi (ezikalayo nezingakaliyo).

## IMPAHLA ~YAMANENEKAZI YOMTSHATO

Ilokwe Zomtshato zenziwa kakuhle yi Dresmeka ye Ngesikazi. Odola Ilokwe yako ngexesha le Bhulaku fesi uya kugoduka nayo uyipete ukutshona kwelanga

Imela Nefolokwe, ne Mpahla Yokupeka, Itshipu Ngokungummangaliso.

Ningalibali ukuya apo niya kumbona kona ngokwake (Saluf) e

## QONCE, EMONTI nase CALA

U-FOLOKOCO.

# BON MARCHE

## JOHN *W*. BAYES & CO., GRAHAMSTOWN.

IFANDESI LEMPAHLA KUMASEBE ONKE.

I Blanket zamabala ziqalela kwi 1s. 7 ½ d., Amabhayi abubanzi bupindiweyo ll ½ d Imiqulu Eqaqambileyo yokwenza ilokwe iqalelakwi l ¾ d. nge yadi, I 'Tweed eziqaqambileyo zelokwe ziqalela kwi 3 ¾ d. nge yadi, I Flannelettes 2 ¾ d. nge yadi, Ezona zilungileyo i Printi zama Jamani nama Bhulu 6W. nge yadi. Ityali zoboya ezona Fishini zintsha ziqalela kwi 3s. kdeo kube nga 30s. inye I Quilts zamabala ziqala 1s. 11 ½ d., I Quilts ezimhlope ziqila 2s. l1d., Amakulu amahlanu e " knitted skirts " 1s. 2d. inye.

*Zonke impahla zibhalwe ngamanani acacileyo. Akuko nkohliso. Kwisebe le lokwe (Drapery) ngexesha le Fandesi i* 1s. *ebifudula isapulwa nge xabiso le ponti iyakuyekwa.*

Isebe Lezinxibo lakwa BON MARCHE:

400 ibhulukwe zamadoda (Bedford Cord) ziqala kwi 4s. l1d. inye, I Suti zamadoda ze Tweed 21s. inye, I Felt Hats ezimapiko abanzi 2s. umnye, Ibhatyi zamadoda ze Tweed ziqala kwi 6s., I Bhulukwe ze Tweed 3s. 6d.

QONDISISANI KAKUHLE—Wonke ubani otenge izinxibo zexabiso eliyi ponti (£1) uyakwapulelwa isheleni ezi ntatu (3a.)

## JOHN W. BAYES & CO, BON MARCH GRAHAMSTOWN E-RINI


## UNYULO OLUKHULU UMANDLA WASE QONCE.

UMR. GEO. A. HAY uya kuhlangana nabanyuli Palamente ngoluhlobo:—

ABESIQINGATA SASE CUMAKALA-E CENYU —ngo-lwesi NE, 25 January, kusasa.

UMANDLA WAKWA QOBOQOBO: Ngolwesi HLANU, 26 January, kusasa.

BURNSHILL—ngo MGQIBELO, 27 January, kusasa.

Abesika KAMA (bonke) e Annshaw. kwango Mgqibelo, 27 January, xa lijikayo ilanga.

Ityume no Gqumahashe, e Macfarlan, ngo Mvulo, 29 January, kusasa.

Abesiqingata sika Poutz, Pirie no Mgqwakwebe,—Emngqesha ka Tyamashe, ngolwesi Bini, 30 Jan., kusasa.

Abantsundu besixeko sase Qonce—kwa Bhuluneli, ngolwesi Bini, January 30, ngokuhlwa, 8 p.m.

Abase Peelton, ngolwesi Tatu, 31 January, kusasa.

Umkangiso ne Tamara, e Mount Coke, ngolwesi-Tatu, 31 January emini.

# Kuba Tembu nama Mfengu.

UNYULO LWE LUNGU LE PALAMENTE lo Mjikelo owonganyelwo ngu MEJI lungo

## MGQIBELO, 3 FEBRUARY.

Kuqala ngo 8 kusasa, kuvalwe ngo 5 emalanga.

Kambe wonke umzi ontsundu ngezigqibo zentlanganiso zawo upete igama bka—

## JOHN CHARLES MOLTENO.

Ivoti mazinikwe yena zinganikwa kuwumbi.

Isicaka somzi,

J. TENGO-JABAVU.

23 January, 1894.

# Unyulo kumahlulo we Qonce.

UN YU LO lwama Lungu e Palamemente alo Mjikelo ushishinge i Qonce, Cumakala, nakwa Qoboqobo, lungolwesi

## HLANU, *2* FEBRUARY.

Kuqala ngo 8 kusasa, kuvalwe ngo 5 litshona

Umzi ontsundu ukangele umfo omnye wecala labahlobo bawo e Bandla

23 January, 1894.


# GIBBERD & BRYANT,

KING WILLIAMS TOWN.

# UPRINTI EZINTSHA,

3d., 4d., 5d., 6d., 7 ½ d., 9d.

## GIBBERD & BRYANT,

KING WILLIAMS TOWN.


## KUFUNWA

ISICAKA sokwenza yonke imisebenzi.

Kubalelwa ku
Mrs. Fox, The Hermitage, Buffalo Road, Kingwilliamstown

## IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESI-TATU. JAN 21. 1894

## Iveki.

BEYELE nzima " emfuleni " nase Mtata;

UMGODOWI ubuye wavela kwakona Bai.

NGU Dr. Bishop omiselwe ukuba i Gqira le hospitala yase Kimberley.

INDODA elibastile igwetyelwo iminya ka 7 nemivumbo 25 ngokudlwengula Kapa.

IDLONGODLONGO lombexeshi lidliwe i £50 ngokunyatelisa umntu ngekari Kapa, l'as op babexeshi!

U MR. RHODES usinge e Kimberley ekuvakala ukuba akubuya kona uyakutyelela e Transkei.

BALIQELA abantu abafunyenwe bem lepere e Johannesburg ngeveki epelile yo—ngabamhlope.

UM-XHOSA udilikelwe ngumhlaba wafa kumngxuma oyi Primrose ngolwe si Bini lweveki epelileyo e Rautini.

E JOHANNESBURG i Netevu ihlatywc sisipoxo senkabi yenkomo lahlanz'iselwa ngolwesi Tatu lweveki egqitileyo.

U RULUMENI unike imvume yokuba kuvotwe ngamapepa elungelweni le Bunga lomzi wase Beaconsfield.

NGO 17 January kubanjwe i Netevu engu James Mabinya ngokubomela u Antyi Busakwe ngobunye ubusuku e Qonce.

EZIVELA ngase Natal zasema Mpondweni zezokuba u Sigcau uyifunzile ku Patekilu, yagxotwa eka Sigcau; isaza kufunza kwakona.

U MR. PHILIP CHARLES indunayakwa Nqwiliso kwelama Mpondo, ugaleleke e Qonce ngo Mgqibelo wegqitileyo, walundwendwe luka Mr. Tengo-Jabavu. Utyelele Ezeleni.

U MR. TENGO-JABAVU ubuye ngolwesi Hlanu eba Tenjini nakwelama Mfengu, apo

NGENTETO enamandla ipepa lase Komani i *Representative* liyasisola ngendawo esitabate yona malunga no Messrs. ROGERS no FROST kolunyulo Iwe Palamente Iwcso siqingata. Make siwahlakulele amanqaku esiza kuwenza ngalomcimbi ngokuxela ukuba uwetu lowo ungumxhasi oshushu wonyulo Iuka Mr. ROGERS, ofuna ukubona enyulwe kunye no Dr. BERRY. Kuyabonakala ke ukuba elixa owetu bobabini (amapepa ase Komani) bavumelanayo nati ngo Dr. BERRY bahlukene ngo Mr. ROGERS no Mr. FROST kuba bobabini bayame kwi Bhonti. I *Representative* ibacebisa ukuba batabate u Mr. ROGERS kuba, njengoko kubonakalayo ngoku, elungile ngomcimbi we Glen Grey. Okukokwetu sivakalise u Mr. FROST ngenxa yokuxhasa irnvisiswano, esitemba ukuba iyakuma, namafama aqubela

ati lawo manene (amafama) ayilahle imfundiso yawo endala yokuwachasa onke amadoda angena elunyulweni azimvo zintle zikululekileyo ngakwabantsundu ngenxa yokux4asa u Dr. BERRY; saye sicinga ukuba iya kuba yinto elungileyo kubantu bakowetu ukuyipaula ngokuwuncedisa ukunyula intanda yawo u Mr. FROST. Sikuyekele kwabanye ukqgweba ukuba siti yi *Rep.* na elungisayo. Noko ke, sinqwenela ukwe ma libe linye elokugqibela, elokubi tina singqungungqungu kanye ngokunyulwa kuka Mr. ROGERS nokuba ngu Mr. FROST pezu kwezitatu ze *Representative* ezikule nteto ilandelayo : —

Ipina inkululeko yengcinga nesenzo se Mvo xa itetelefa ukuxhaswa kuka Mr. Frost, " nakuba eyikonza ngokuzolileyo i Bhonti" ngenxa yemvisiswano namafama? IMVO iyavuma ukuba izimvo zika Mr. Frost zigwenxa ngomcimbi we Glen Grey; izimvo zika Mr. Rogers ngalomcimbi iyazazi ukuba zilungile—kanti ngalomcimbi wabantsundu mkulu ngokungenamda ubalulekileyo oyakuvelela ngokulunga nokuba kungobubi kwixesha elizayo, ojinga njengerele lika Damocles pezu kwentloko zesizwe sonke sipela sama Xhosa—IMVO irnisa ibanga lalonqubo ingalunganga imema abantu bakowayo ukuba bayingqonge, elixa iyinyatelela pantsi kwenyawo zayo inqubo elungileyo. Kunganina? Kungokuba iqonda ukuba kubhetele ukuvotela indoda engeyiyo kunokuncamela ukulahlekwa zivoti ezimbalwa, Isikumbuza umbhalo okwi *Bleak House* oti kubhetele ukuxhoma " umntu ngemposiso, kunokungabiko mntu kanye." Kuyinqaba ukuba abantsundu baxhaso u Mr. Frost. Ngokwenjenjalo bangaba bavumela isiposo es kulu aseuze kumcimbi wase Glen Grey nentshabalalo eyaseyibasongelo ngeloxa —intshabalalo, nakuba isanqandiwe okwe lixesha, isahleli iyingozi kubo kwixesha elizayo eselikufupi. IMVO siyazi kakuhle ukuba sicinge ukuba iyakutetelela uluvo olugwenxa ngokuchasa uluvo olulungileyo.

Kwakalokunje masikuvume ukutandeka kwale nteto yowetu lowo. Kanti ke noko asiweya amandla ayo.

Ukuba bekuvumelekile ukuba ubani aziketele inqata entetweni yendoda eselugqatsweni, ngale ndlela yenze ngayo i *Representative* malunga nezimvo zika Mr. ROGERS nge Glen Grey, tina sibona ingxingongo ezinkulu ekufikeni kwisigqibo esanelisayo ekuxoxeni imicimbi yomzi. Isusela apo indlela yetu eyaziwayo ukukunyasha ukuvavanywa kwezimvo zabo bema pambi kwabanyuli befuna imbeko ze Palamente ; esiti kupela sifune impendulo ngeqela ezimisele ukusebenza nalo indoda engena elunyulweni, kuba ngowona mxholo wo Rulumeni Wokuzipata kwabantu ukuba ilungu ngalinye inalisebenze ngawo kwanakunye nawo amaqela ukuba anokoyisa apumelclise nantonina kwi Bandla elimalungu angama shumi asixenxe anesitandatu. Xa agwetywa ngeqela ayakuba kulo u Mr. ROGERS akanelisi kanye. Anganezimvo ezilungelelene nomteto ngemicimbi yonke engabekwa pambi kwe Palamente, kodwa tina sisati akana kuputnclela ukuziqhuba ngokuzenza ilolo lomdipende ongena qela, umhlaumbi ngokuzenzisa ukungati pantsi kwclogaina unolwazi olubanzi lwezinto angateni kugqugula nabanye ngazo. Into le imbi. Ilungu elingena bahlobo litembele kubo ebnokugqugula lisebenze kunye nabo lisisidalwa esilusizi elifa- nelwe kukudelwa ngumzi. Kuwanjalo nakulowo uteta ngokungapumi egusheni, kodwa etemba ikusebenza ngazo kuwo kwanangayo amaqela angavclaniyo kanye lezozimvo. Siqala apo ukungxola laba bazibiza ngokuba bangama lipende elunyulweni; kwanabo lashumayela izimvo ezanelisayo ze jagqibe ngokungena kumaqela achasene ngokudumileyo nezimvo zabo.

## AMACEBO NGONYULO.

KWINDAWO EZINAMAWETU.

SINGA singenza isimemezo kume wetu akwindawo ngendawo nge nyulo ekungalo, ngokukodwa njengoku ba kupezu kokuqatyeliswa komsebenzi kweziveki mbini zoku gqibela zonyulo.

Amacebo.

Ukutsho ke siyakulinga ukuwubek umcimbi lo engqondweni yamawetu a kwiziqingata ngeziqingata ezinyulay ngendlela obonakala kuti ukuba ungalu ncedo kuwo uhanjiswe ngayo. Siyaku wabeka pambi konizi amalungu abafanele ukunyula wona abantsundu xa basekelezi ilungelo labo lenyaniso kumahlulo nga mnye; saye siya kuvakalisa nohlob amabazingenise ngalo ivoti zabo ukuzi babe nokuyipumelelisa into abazond yona, kuba kuko ukuzixaka — abantu batshonise ilungelo labo ngokwabo nge zabo evoti ngokungazi nokungayiqond indlela esebenza ngayo ngokukodwa kw ndawo ezinabanyuli bendidi ngendid ezingxameleneyo.

Grahamstown

Noko kungeko nto incamisa umxhelo akungebe nani u J. E. Wood, O, naki Grocott, M., ukuvalela u Mr. Douglass.

E Barkly West

*Kuvotwa* 9 *February.*

apa e Ligwa impi singayikangolisa

G. Paton, O.

Ilahlwe enye.

E Somerset East.

*Uvoto February* 2.

Umzi uzifaka ko

G M Palmer, O

W H Hockly, O

Embo (Griqualand East).

*Unyulo lungo Mvulo,* 29 *January.*

Indoda esikangele kuyo apa ngu

L. F. Zeitsman O.

Maze usuke wonke ke umzi uyipakamisa

I Dike ne Ngqushwa.

*Kunyulwa ngo Mvulo,* 29 *January.*

Akuseko nteto, baziwa nguye wonke abahloboo

Wm Hay, O no

H T Tamplin, O

E Tinara.

*Kunyulwa ngolwesi Hlanu,* 9 *February*

Apa mawume kakuhle umzi wabetu ki

John Mackay, O no

II W Bidwell, O

Ukuzo ungapulukwa ngu Mackay maude uzenze nganye kuye omnye.

E Fort Beaufort

*Kunyulwa* 26 *January,*

ngu

Hon. C. W. Hutton, O

ekujongwe yena, eyesibini ivoti ibinganikwayo n Hon. J. Laing ukuba imp emhlope ibingena ndawo yokungamamkeli u Mr. Hutton.

E Kimberley.

*Unyulo lungolwesi-Tatu,* 25 *January,*

Lushushu unyulo apa ngokuba u Mr. Rhodes ngokwake enga ayingengene indoda yamadoda ngakuti bantsundu u

Richard Solomon O.

Unga ke umzi awungebe sakankanya wumbi, zilahlwe ezinye ivoti.

Albany,

*Kuvotwa* 5 *February.*

Apa iqela labahlobo babantsundu alinandoda ipambl kwabanyuli abangasebezibonela ke abanyuli abantsundu, noko ukunqanda ilishwa lokungena kwe Bhulu le Bhonti bebengase bejonga u Mr. Crosbie no Mr. Norton. Umhla ekunyulwa ngawo apa ungo

Queenstown.

*Usuku lokuvota lolwesi-Bini,* 30 *January.*

Indoda ngcam yeqela elibuhlobo, ngu

Dr. Berry, O,

Apa kuko intoyokuvalela umfo (u Pulusi) wembumba yaina Bhulu ekataza umsebenzi wetu bantsundu. Abanye bati mayivalelwe ngokuba eyesibini 'seyini-u Rojisi, abanye bati mayibe ngu Folosi.

E Qonce.

*Usuku lokuvota lolwcsi-Hlanu,* 2 *February*

Inye nanihla indoda yeqela elibuhlobo kulomandla, kuba nebif'udula ixhaswa siti (u Nonkenyane) uvakalise ukuba upumile eqeleni. Namhla umzi upete igama elinye

Geo. A. Hay, O.

Enye ivoti iyakulahlwa ukuze abe nokupumelela.

Kwelaba Tembu nama Mfengu.

*Usuku lokuvota, Mgqibelo,* 3 *February.*

Umzi nokuba selisina, maze upume wonke. Indoda esondezwe ngabahlobo bawo neyemkelwe zintlanganiso zonke zamawetu ngu

J C Molteno, O

Makukankanywe yona ke yodwa. U Faku uwuncipisele inkatazo' umzi ngokwazisa ngolwesi Hlanu lwepelileyo ukuba uroxile elugqatsweni.

E Dodroro.

*Uvoto I February.*

Kusingetwe ngositi umzi u

J M Orpen, O

Kolunyulo maze ulumko umzi ungapanjwa ngama Bhulu, afake u Dr. Smartt no Mr. van Rensburg, aye ngenteto esiti ngu Dr. Smartt yedwa angaye, enye ivoti ayakuyinika u Mr. Orpen, Ngati akangenjinjalo, okuya kufuneka bekankanye mhlaimbi u Orpen yedwa.

I Aliwal ne Herschel.

*Unyulo lungo Mvulo,* 5 *February.*

Aiuawetu aze ajonge icala labahlobo betu no

Hon. J. W. Sauer, O

Everitt Orsmond, O, vase Alvani.

U W. Orsmond (ongu Mbovane) uvakalise ukuba uyakuba ngowebhunga lika Mr. Rhodes, elingasingeto nto zatamsanqa kuti bantsundu ibhunga kanjaqo elingazonga lavana nabahlobo o Mr. Innes no Mr. Sauer entweni zabantsundu, Indoda enjalo, nokuba iteta kamnandi, nokuba ibiftidula ilungile, iyeyokupetshwa ngumzi, esitembayo ko ukuba akasakukankanywa mhla kuvotwayo.

Lamalungu anyulwe ngapandle kukuba kubeko umnyhadala

Colesberg.
I J van der Walt, B
M M Venter, B
Cradock.
Sir T Scanlen, O
J P du Plessis, B O
East London,
Captain Brabant, O
Sir G Sprigg, M
Namaqualand.
J X Merriman, O
Jas T Molteno, O
Piquetberg.
Sir D Tennant
D C de Waal, B
Port Elizabeth.
C T Jones, O
H W Pearson, M

Inqaku elingu O emva kwegama lalata abavana no Mr. Sauer no Mr. Innes; M abaxhasi baka Mr. Rhodes; Babe Bhonti.

## Uviwo lwe Iitshala.

Amagama abipumelele oluviwo bolungu December, 1893 ahlokonyiswe ngolwesi Hlanu e Kapa. Abafumene izitifikiti zodidi olupambili ba 68 —ngabelungu bodwa; ko lwesibini, bafalitwa ngokumi kamagama okuqda. Sitabnta amagama abapumelele kwizikola zabantsundu : —

Fred J. Bassie, Lovedale Institution (K)
Lysinias Dichaba, Lovedale lust. (3) Renton D. Dwashu, Lovedale lust. (K) Isaac Gobo, Clarkebury lust (K) Dorcas Goutshi, Lovedale lust. (K) Henry Kalipa, Healdtown lust. (K) Garshorn S. Koyana, Lovedale Inst. (K) Philbert E Lemeke, Lovedale Inst. (3) Joseph Lobi, Clarkebury Inst. (K) E meka Mabandla, Lovedale lust. (K) Margaret Mabandla, Lovedale Inst. (K) James K. Madlaila, Healdtown Inst. (K) Sophia Mafongosi, Ay lift lust. Peddie (Dr K)
Moses Magaga, Clarkebury Inst. (K) Joseph Mahlasela, Clarkebury Inst. (K) Leah Makatse, Lovedale Inst (S) Holford J. Mama, Lovedale Inst. (K} Elias J. Manzana, Hota (K)
Abel E Mbunga, Lovedale lust. (K) Theofile Mosala, Morija (S)
Jonathan Motshumi, Healdtown lust. (K)
Martha Mpahla, Ayliff Inst. Peddie (K)
Ephraim G. Mqakelana, Healdton Inst (K)
Paul Mtombeni, Lovedale Institution Alfred Mvinjelwa, Blythswood Inst (K) Thomas Ntwasa, Native Boys' Inst Umtata
Thomas Nweba, Inst. Grahamstown (K)
James M. Nyanda, Loveda'e Inst. (K)
Arthur G. Nyovane, Blythswood Inst. (K)
Joseph G. Mzondeki, Bensonvale Inst.
Sophia Ndayi, Lovedale Inst. (K)
Julius Njikelana, Lovedale Inst. (K)
Edwin Noah, Clarkebury Inst. (K)
Emma J. Ntsiko, Lovedale Inst. (K)
Amos Toola, Morija (8)
Aaron Tubela, Clarkebury lost. (K)
Josiah Tulwana, Lovedale Inst. (K)
Rosaline Xaba, Lovedale Inst. (K)
Mary Zinto, Lovedale lust. (K) And two teachers.

## Kumlisela Nomtinjana.

Hai itreni ! Ibatuta bonke ngokufanayo ayiketi nokuba ngabagoagcayo, ngabazime. layo, nokuba ngabanjanina. Sitsho kuba into ebonake'e ngornuye u Mgqibelo kwi treni enduluka apa nge *kwata* ka *nayin,* ebusuku ayibanga ntle kanye, ayitamsmqe. leki. Kukwele ugwece lwamakwenkne namantombazana luhamba lodwa lwaya kuhla kulamityolo ainnyama akulendawo kukwelwa kuyo kuloliwe e Briedbach ; site sikubuza ukuba kulamatyolo ebusuku apa kufunwa nina—gqida elinyo iljazana lati kuselwa umoya ! Behlile yagqita itreni kwasala iyintsholo namahemhem kulontsunguzi.

Ukuba izakuba lisiko nokuba seyilisiko lento yokusel' umoya (?) ematyolweni ebusuku, abazali mabayilumkele lento ingaqeli ayitembisi siqamo sihle, budinise kade ububhiqibhiqi obenziwa lulutsha lwetu. Into ebembi ngokunye kukuba kulomgqegu siteta ngawo bekuko namanfombazana aha. mba eramentoni—abantwana bamagqobokakizi ; baye bendlela nye nabafanana abanteto ite ukudlubhuka kwayo siyiva etrenini yasikumbuza ukuba mababe balolusapo elati elinye incoko : " Lusapo olupehlelelwe ngegixhaxha " ; ibe yinteto eyintBhongoqo enuka njengesixhaxha okunene.

Akuko bani walayo ukuba ulutsha maludibane lugcobe kakuhle, kodwa lomgoobo siwuxelayo wokupuma ngetreni ebusuku kuyiwe ematyolweni yi *pikiniki* embi nengatembekileyo, kubo kuyakuti kwezo pikiniki kusuke kuvele o *pikinini;* xa neyasemakaya imigoobo yobusuku ililisa ililisile nje kuya kubeka pi kule yasendle ? Mlisela nomti. njana abadala benu sebekade belila ngale treni ngokututa abantwana abagcagcayo nabazimelayo nanamhla, le itutela ematyolweni ebusuku idala amanye amanxsba — ngqwi! Aniko ngarneva kuhlwile ! Makangadalwa elinye ituba lokuba kutiwe : *hai itreni.*

Omnye umbhaleli owavisisileyo amanqaku etu okugqibela kumlisela utelela ngokuti: — " Ndincede ngalamazwna ambalwa, ndibone kwipepa lako le 29 December isikalazo kumlisela. Nam ke ndixhusi lomhlobo kwi nteto yake, nditi unyanisile makungaziswa kupela xa sekutshatiwe, kodwa makwaziswe naxakufilishwayolikaba—ngani ? Nditi kuyo lenyanga ndite ndihamba nelinye inene elifilishayo sadibana no Miss—ndati kuba ndiyamazi u Miss lowo, o, Mr. Nantsi ngu Miss Nantsi lo, naku Miss ngu Mr. Nantsi lo; ite iledi, o, ngulo ufilisha u Miss Nantsi ? Ute unkomo, hai, ngumkuluwa wam lowo— ndasuka ndadana mna kuba u Miss lowo ubenyanisile. Ngoku ke nditi umbhali walo manaku uhlab' ekangele." *Net so.*

Kakade yilempi kutiwa yi " midlankuku " nama " rawu " le izifihlayo xa ifilishayo. Umfana o'irawu asinto ayitandayo ukuba aziwe ukuba uyafilishi; ikwanjalo nempi ezekileyo eyolohlobo ngokukodwa xa ihambileyo; ungafika izioolele kwesetiki izenza ingcwele zamasoka. Saka sati esinye isipompotela sapints' ukugqibela omnye ngoku'i singene kwenye iudlu sifike kungcwalise amanene namanenekizi. Akukov' ukwaziswa unkabi ite gqida enye indodana yabuza ukuba usapo lusapilana; ite nqadalala inyati, yayebeyebezi ayapendula. Bequbi. sene emva koko, umnene ute komnye lowo akanalungelo lokumbuza into enjalo pambi kwamanenekazi, wamtembisa ngomnqayi eke wapinda.

Umntu olirawu eisilo esibonakalayo na. ngapandle kokuba ude ubone amatyhotyhotyho aso. Yinto apa ebubele bunezimbo, eluncumo luhendayo, into ateta ngo sisi kupela—wena wabona ika'i ibambe impuku idlala nayo, kanti iyakugqibela ngokuvitya. Ungabona ke ezintwazana zangoku zite twanga, x'nzwi indlebe emva kweli rawu kanye lidandalazileyo; ukuba akunjalo ngani ukuba ude ube ngasibhozo umtinjana owonakaliawa ngalamaratanga kuba akuth ngakuba akaziwa ayonza ledemetshe umzi uwazi nje. Kaupik' apo.

Uyazi ukuba wenze into engafani nobuso bake! Yinteto yabatsha betu xa omnye enze into egwenxa ebingalindelwe. Nati singatsho nge "Mvo" le ngokubhekiselele kwihlokondiba elikulu lo ' 'singbaxhasi " betu, impi elwafa kudala kuyo uvalo lwesi. kwelitisepepa, esinosizi ukutikwakuyo lempi kuko " izibawu," amanene, o Mr. Nantsi aba kanye imbeko iqongqotelwa kubo, ongotukayo nomzi eibabhengezile, giba ngabatumela izikumbuzo zamatyala abo kube kukona baqotayo—lisiyile tina, kanisipe iqinga. Benza into efana nobuso babo na ?

E MGUNGUNDLOVU isela livule ngesitshixo esingesiso kwityalike yama Koma lemka netyeya yemali yamahlwempu lakukov' ukuminya iwayini yomtendeleko ngolwesi Tatu lwegqitileyo.

